GC2349 SA Xhosa v1 6/18/10 3:22 PM Page 1

| UKULUNGISELELA OKUSEMQOKA | INGINGIZIMU AFRIKA |
|---|---|
| **UMGAQO 27: I-HIV KUNYE NE-AIDS** | |
| Ngo-2015, oorhulumente balindeleke ukuba:<br>✓ Baqulunqe izicwangciso ezinolwazelelelo ngemeko yezesini (*gender sensitive*) ukwenzela ukuba kuthintelwe usuleleko olutsha.<br>✓ Baqinisekise ufikelelo olufanayo kuzwelonke kunyango lweHIV ne-AIDS kumadoda, kubafazi, kumakhwenkwe nakumantombazana.<br>✓ Babe neeprogram ezilungiselela iimfuno ezithathela ingqalelo umsebenzi wabanonopheli bezempilo nezibonelela ngenkxaso ukwenzela intlalontle yabo.<br>✓ Amadoda mawakhuthazwe ukuba athathe inxaxheba kumsebenzi wokunonophela abanye kwezonyango. | ✓ UMzantsi Afrika unesiCwangciso soBuchule sikaZwelonke 2007-2011 *(National Strategic Plan 2007-2011)*. Esi siCwangciso soBuchule sikaZwelonke sesesibini ukuqulunqwa nguMzantsi Afrika kwaye sicacisa malunga noorhulumente nomgaqo-nkqubo weHIV ne-AIDS ngokubanzi malunga nemiba emininzi efana nothintelo, iingcebiso, unyango, iiOVCs ,iiPMTCT; nesijongene nayo yonke imiba ngokupheleleyo kwinkqubo yaso kwaye siya kuqhuba ithuba leminyaka emihlanu.<br>✓ UMzantsi Afrika unesicwangciso esibanzi solawulo, sonyango, unonophelo nenkxaso se-AIDS. Le program sele ibhalise malunga nama-370,000 ngoSeptemba ngo-2007 kunyango ngamachiza ee-ARVs kwicandelo likarhulumente kwaye ngabantu abayi-120,000 kwicandelo labucala. Le yeyona program inkulu yonyango lwe-AIDS ehlabathini.<br>✓ Kukho uxwebhu olukwinkqubo-sikhokelo yomgaqo-nkqubo weSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development)*; nangona kungacacanga ukuba sele luphunyezwe kangakanani na. Oku kubhalwe kumaxwebhu enkqubo-sikhokelo eHBCS. |
| **UMGAQO 28: IZIGQIBO ZOKWAKHA UXOLO NOKUSOMBULULA IIMBAMBANO** | |
| Ngo-2015:<br>✓ Kufanele ukuba kube sekuthathwe amanyathelo ukuqinisekisa ukumelwa ngokulinganayo kwabafazi kwiinkqubo zokwakha uxolo nezokusombulula imbambano kwakunye nohlanganiso lweembono eziluluvo ngezesini ekusonjululweni kweembambano kulo mmandla. | ✓ UMzantsi Afrika wenze izilungiso kwi-*Protocol to the African Charter on Human and People's Rights of Women in Africa*, ebonelela ngamalungelo abafazi ngokubhekiselele kuxolo nakukhuselo kwiimbambano ekuxhotyiweyo kuzo. |
| **IMIGAQO 29 - 31: AMAJELO EENDABA, INGCACISO NONXIBELELWANO** | |
| Ngo-2015:<br>✓ Imiba yezesini iya kubandakanywa ibe yinxalenye yayo yonke imigaqo-nkqubo yengcaciso, yonxibelelwano neyamajelo eendaba neyemithetho.<br>✓ Iminqweno yabafazi iya kuba nokumelwa ngokulinganayo kuzo zonke iinkqubo nakuwo onke amanqanaba omsebenzi wamajelo eendaba.<br>✓ Abafazi namadoda baya kunikwa amathuba okuveza izimvo zabo ngokulinganayo kumajelo eendaba.<br>✓ Iiprogram ezenzelwa abafazi, ngabafazi nezingabafazi, ziya kwanda ukuze kuxoxwe kumajelo eendaba.<br>✓ ngeendlela ezithile zokucinga ezendeleyo nezinokuba yimposiso (*stereotypes*). | ✓ Iindaba eMzantsi Afrika, kuwo onke amajelo eendaba, zibaliswa ngezimvo neendlela zokucinga zamadoda. Abafazi benza kuphela i-19% kumajelo eendaba awaziwayo, xa kuthelekiswa ne-17% yalo mmandla.<br>✓ UPhando oluyi-*Gender and Media Baseline Study 2002* lwabonisa ukuba ayingobafazi kuphela abamelwe ngokunganeno ngokommandla kodwa izimvo zabo azivezwa njengoko zinjalo kumajelo eendaba.<br>✓ Ukumelwa kwabafazi kwiindima ezingathathisi-nxaxheba, nezikumgangatho osezantsi, zizenzo zobubi ezichasene nomthetho ezixhasa iinkqubo zengcinezelo kwezesini.<br>✓ Oku kuchasene nobunyani kwaye amajelo eendaba anoxanduva lokumela abafazi kwiindima ezahlukileyo, imisebenzi nezikhundla abakuzo. |
| **IMIGAQO 32 - 35: UPHUNYEZO , UKUBEKA ESWENI, NOPHONONONGO** | |
| ✓ Uphunyezo lweProthokholi malubekwe esweni yiKomiti ejongene nemiba yezesini/abaphathiswa bemicimbi yabafazi (*women's affairs ministers)*, iKomiti yamaGosa aMakhulu anoxanduva lwemicimbi yezesini/yoomama, noSosiba weSADC.<br>✓ Ukuqulunqwa kwezicwangciso zikazwelonke zamanyathelo okusebenza ezisekelwe kwiProthokholi.<br>✓ Ukuqokelelwa kwedatha eyandlalelayo ukwenzela ukubeka esweni nokuphononongа izicwangciso.<br>✓ IProthokholi ifuna amazwe angaMalungu (*Member states*) angenise iingxelo zawo ezibonisa inkqubela kuSosiba qho kwiminyaka emibini ekufikeleleni kuphunyezo lwemigaqo. | ✓ UMzantsi Afrika , akakasilungisi esi sixhobo siyi-*SADC Protocol on Gender and Development*, nangona sele esisayinile.<br>✓ IProthokholi iya kufuna ukuvunywa zizo zombini izindlu zePalamente. Oku kufuna iinkqubo zokwandlalwa, ingxoxo nokwamkelwa kwesigqibo esimiselweyo kuzo zombini i-*National Assembly* ne-*National Council of Provinces*.<br>✓ UMgaqo-nkqubo wezesini kazwelonke ucacisa ulwakheko (*structure)* nemisebenzi eququzelela *iNational Gender Machinery* yokuxhotyiswa kwabafazi, kwaye umgaqo-nkqubo ngamnye ubekwe kwelona nqanaba lobuchule liphezulu likarhulumente.<br>✓ Ngokumalunga nokubeka esweni nokuphononongwa kwawo, iSebe elisanda kubunjwa le*Performance, Monitoring and Evaluation and Administration kwi-Ofisi kaMongameli (Presidency)*, ligunyaziselwe ukuqinisekisa ubeko-sweni nokuphononongwa okusebenzayo kwayo yonke imigaqo-nkqubo karhulumente, iiprogram noshishino ngokubanzi, ukuqinisekisa ukwenzeka kwayo. |

## Ukubaluleka kweProthokholi yezeSini (*Gender Protocol)*

I-*SADC Protocol on Gender and Development* ilinyusele phezulu iqondo *leSADC Declaration on Gender and Development*, ukuze ibe yeyona nkqubo isesona sixhobo kweziyimbophelelo kwezemibutho yommandla. Kwiithagethi zokwenene eziyi-30 zokufikelela kulingano kwezesini ngo-2015, eli phulo lelokuqala kusondelelwano lwamazwe, kwaye liyibeka iSADC kwindawo ephambili ekudlaleni indima kwizicwangciso eziza nezinto ezintsha khon' ukuze kubekho intsingiselo ekuzibopheleleni kwamazwe namazwekazi kwinqanaba lemimandlana.



## Amahlakani eMibutho yoLuntu (*Civil society partners*) kwiphulo i*SADC Gender Protocol*

I-*Southern African Gender Protocol Alliance* (Alliance), eyingqokela yeeNGOs zamazwe ayi-40 zikazwelonke nezengingqi ibiqhuba umkhankaso ukususela ngo-2005 ukwenzela ukwamkelwa, ukufakelwa izilungiso nokuphunyezwa kwe-*SADC Gender Protocol*.

Le Manyano (*Alliance)* isebenza ngokwemixholo edibeneyo ekhokelwa ngamalungu akwayinxalenye yeKomiti eQuquzelela oku *(Steering Committee)*. IKomiti eQuquzelela oku yenziwe yile mibutho ilandelayo:

- I-*Gender Links* – iNGO eququzelelayo; ekwakhokela i-NGO ye-*Gender Based Violence Cluster*.
- I-*Zimbabwe Women Resource Centre and Network* – iNGO ekhokela i*Gender and Economic Justice Cluster*.
- I-*Gender Advocacy Programme* – iNGO ekhokela i-*Gender and Governance Cluster*.
- I-*Gender and Media Network of Southern Africa* – iNGO ekhokela *iGender and Media Cluster*.
- I-*SAfAIDS* – iNGO ekhokela i*Health, Sexual and Reproductive Rights, and HIV and AIDS* cluster
- I-*WLSA* – iNGO ekhokela i*Constitutional and Legal Rights Cluster*.

Ukufumana ingcaciso engaphezulu qhagamshelana no-:
*Gender Links*
*Head Office South Africa, 9 Derrick Ave, Cnr Marcia St*
*Cyrildene 2198, Johannesburg, Republic of South Africa*
*Tel: +27 (0)11 622 2877, Fax: +27(0)11 622 4732*
*Email:* alliance@genderlinks.org.za
*www.genderlinks.org.za*

1 The SADC Gender Protocol Alliance comprises: Association of Local Government (ALAN); African Women's Economic Policy Network (AWEPON); Botswana Council of NGOs (BOCONGO); Christian Council of Mozambique; CIVICUS; Federation of African Media Women (FAMW) – SA; GAP; Gender Links (GL); Gender and Media Southern Africa Network (GEMSA); Gender Policy Program Committee (Botswana); Justice and Peace (Lesotho); Malawi Council of Churches; Media Institute of Southern Africa (MISA); NGO Gender Coordination Network Malawi; SAFAIDS; SAMDI; SALGA; Society for Women and AIDS in Africa Zambia (SWAAZ); Trade Collective; Women in Law and Development in Africa (WILDAF); Women in Law in Southern Africa (WLSA); Women, Land and Water Rights Southern Africa (WLWRSA); Namibia Non-Governmental Forum (NANGOF); Women's Net; Young Women's Christian Association Botswana (YWCA); Zimbabwe Women Lawyers Association; Zimbabwe Women's Resource Centre (ZWRCN). Associate Members: African Women and Child Feature Service; Swedish Cooperative Centre - Southern Africa; Diakonia (Zambia).



2349 GEMINI CONCEPTS - 083-306-3229

GENDER EQUALITY IN SADC
THE TIME IS NOW

# IPROTHOKHOLI YE-SADC ENGEZESINI NOPHUHLISO (SADC PROTOCOL ON GENDER AND DEVELOPMENT)

**YAMKELWA NGE-17 AGASTI 2008**

*IProthokholi ye-SADC engezeSini noPhuhliso:*

**IQULETHE**
Imiba eyimbophelelo eyenziwe kuzo zonke izixhobo eziziinkqubo zokusebenza zommandla, ezamazwe ewonke nezemazwekazi zokufikelela kulingano kwezesini.

**IPHUCULA**
ezi nkqubo ngokujongana neyantlukwano ngokumisela iithagethi ezilinganisekayo ezithe ngqo kwezo ndawo zingekabikho kuzo.

**IQHUBELA PHAMBILI**
ulingano kwezesini ngokuqinisekisa ukubanako ukuphendula kwamazwe angaMalungu eSADC, kwanokubonelela ngeforam yokwabelana ngeenkqubo ezigqwesileyo, inkxaso yobuntanga nokujongisiswa kwazo.



Composite

GC2349 SA Xhosa v1 6/18/10 3:22 PM Page 2

## AMAGQABANTSHINTSHI EPROTHOKHOLI I-*SADC PROTOCOL ON GENDER AND DEVELOPMENT*

| IMITHETHO ENGUNDOQO | UMZANTSI AFRIKA |
|---|---|
| **IMIGAQO 4 - 8: AMALUNGELO OMGAQO-SISEKO NAWOMTHETHO, UFIKELELO KUBULUNGISA** | |
| Ngo-2015:<br>✓ Yonke iMigaqo-siseko kummandla mayenze konke okusemandleni ukwenza imigaqo ethe ngqo yolingano kwezesini kwaye mayiqinisekise ukuba ayiphikisani nayo nayiphi imigaqo, imithetho okanye iinkqubo. Oku kukwabhekiselele kulingano oluphakathi kwabafazi namadoda atshatileyo.<br>✓ Onke amazwe mawayiyeke nayiphi na imithetho yocalu-calulo eseleyo aze atshitshise "ubume bokuthathwa kwabafazi njengabaxhomekekileyo nabangenalo ilungelo lokuzimela (*"minority status of women)"* okanye nayiphi na imigaqo yomthetho eyenza abafazi baxhomekeke kooyise babo, kubayeni babo, koonyana nakomnye umntu osisizalwane oyindoda. | ✓ Umgaqo-siseko ubonelela ngokusekwa kwelizwe elizimeleyo (*sovereign state*), ubumi obufanayo nenkqubo yedemokhrasi karhulumente ozibophelele ekufikeleleni kulingano phakathi kwabafazi namadoda naphakathi kwabantu bazo zonke iintlanga. Ukwabonelela ngokuthintelwa ngakumbi kocalu-calulo lobuhlanga, lwesini nolwazo zonke iindidi zocalu-calulo kwaye ukhuthaza ukubhiyozelwa kokulingana okumiselweyo kubomi bokwenyani (de jure) (*de facto)*.<br>✓ Isahluko 9 sibonelela ngokuba malingaze naliphi na ilizwe, okanye nawuphi umntu acalule ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo ngenxa yezizathu zezesini, ezesondo *(sex)*, ukukhululelwa, nobume ngokwasemtshatweni. |
| **UMGAQO 9: ABANTU ABAKHUBAZEKILEYO** | |
| ✓ Abantu abakhubazekileyo mababe namalungelo abo ezempilo, entlalakahle namanye amalungelo akhuthazwayo nakhuselweyo. | ✓ UMzantsi Afrika usayine waza walungisa izigqibo zemvumelwano ngaMalungelo abantu abakhubazekileyo kwaye ugqithele phambili ngokuza nePhepha eliyiNgcaciso yoMgaqo-nkqubo ongoKhubazeko (*White paper on Disability on an Integrated National Disability Strategy*), i- INDS ngamafuphi.<br>✓ UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho kaZwelonke (*National Employment Equity Act)* omisela ubulungisa kwezengqesho –neekowuta eziqingqiweyo zobulungisa *(equity quotes)* zisetyenziswa kwicandelo likarhulumente nelabucala ngokumalunga nokuqeshwa kwabantu abakhubazekileyo kwaye norhulumente uyandisile igranti esisiseko esisibonelelo sokukhubazeka waza wandisa imimiselo yesi sibonelelo ukwenzela ukuba sifikelele kubantu abaninzi ngoMthetho woNcedo lwezeNtlalo *(Social Assistance Act)* kwanokuqaliswa komgaqo-nkqubo ongemfundo ebandakanya bonke abafundi ngePhepha eliyiNgcaciso loMgaqo-nkqubo ongeMfundo eneemfuno ezizodwa (*White paper on special needs Education)*. |
| **UMGAQO 10: AMALUNGELO ABAHLOLO NABAHLOLOKAZI** | |
| ✓ Ngaphandle kokuba kugqitywe ngenye indlela yinkundla, abahlolokazi bafanele ukuba babe ngabagcini nabanelungelo labantwana babo ngokuzenzekelayo, ilungelo lokuqhubeka behlala kwikhaya abatshatele kulo *(marriage home*), nesabelo esilinganayo *(equitable share)* kwilifa lomyeni oswelekileyo.<br>✓ Umhlolokazi uya kubanelungelo lokuphinda atshate kwakhona umntu amkhethayo nelokuba akhuseleke kuzo zonke iintlobo zobundlobongela. La malungelo akwasetyenziswa nakubahlolo. | ✓ UMthetho waseMzantsi Afrika ngokubhekiselele emtshatweni, okubandakanywa umtshato wesintu (*customary marriage*), ubandakanya ilungelo lokungachatshazelwa lulo naluphi na udidi lobundlobongela, kuqukwa ukudlwengulwa liqabane otshate nalo okanye ngulowo uliqabane lakho (*marital rape)* nezinye iindidi zobundlobongela emakhaya. Umgaqo-siseko awubacaluli abafazi ngokumalunga nokunikwa amalungelo anxulumene nabantwana afana nokuba babe ngabagcini babantwana, ukuba ziitrasti nokuthathela kubo abantwana ngokusemthethweni ukwenzela ukubakhulisa.<br>✓ Umba ophambili othathelwa ingqalelo ngokumalunga noku, zezo zinto zilungiselela umntwana njengoko kuqinisekiswayo ngumgaqo-siseko. Ulingano kubomi bokwenyani *(De jure equality*) malunga namalungelo kwipropati (*property rights*) kumtshato wesintu (*civil marriage*) yinto ebekudala isenzeka ngokuyinene iminyaka ngeminyaka.<br>✓ Ukuthathelwa ingqalelo koMthetho weMitshato yesiNtu, (1998) (*Customary Marriages Act, 1998)*, kwandise ulingano lwamalungelo kwipropati *(property rights)* emtshatweni kubafazi nakumadoda phantsi komtshato wesintu (*customary law)*. |
| **UMGAQO 11: UMNTWANA OYINTOMBAZANA NOMNTWANA OYINKWENKWE** | |
| ✓ Imigaqo-nkqubo, iiprogram nemithetho mayibekho ukuqinisekisa ukhuseleko nokukhula komntwana oyintombazana noyinkwenkwe, kubandakanywa ukupheliswa kwazo zonke iindidi zocalu-calulo kusapho, kuluntu, kumaziko nakurhulumente.<br>✓ Iindlela zokucinga ezizezenkcubeko nezenzo ezibangela umonakalo mazipheliswe, | ✓ Umqaqo-siseko unika abantwana ilungelo lokuba negama, ubumi nohlobo oluthile lononophelo. Abantwana bafuna ukutya, indawo yokuhlala, kwaye kufuneka bakhuselwe kuxhatshazo *(abuse*), ukungakhathalelwa nokuthotywa kwesidima sabo. Akukho mntwana kufuneka asebenze engaphantsi kweminyaka evumelekileyo, okanye enze umsebenzi ophazamisana nemfundo yakhe okanye ukukhula kwakhe.<br>✓ Abantwana mababanjwe kuphela xa kungekho nto yimbi enokwenziwa kwaye akufanele bahlale esiseleni nabantu abadala. Abanakuthatha |

| UKULUNGISELELA OKUSEMQOKA | ININGIZIMU AFRIKA |
|---|---|
| kubandakanywa nobundlobongela nokuxhatshazwa *(explotation)* ngokoqoqosho.<br>✓ Makubekho ukufikelela okulinganayo kwezemfundo nakwezempilo. | nxaxheba kwiimfazwe kwaye mabakhuselwe ngethuba lembambano *(conflict)*.<br>✓ Icandelwana lesibini, igatya elibaluleke kakhulu lithi, izinto elilungiselela umntwana zezona zinto zibaluleke gqitha zinokuthathelwa ingqalelo kuye nawuphi na umba ochaphazela umntwana.<br>✓ Umgaqo-siseko uqinisekisa ufikelelo olulinganayo kwezemfundo, ezempilo nezinye iinkonzo ezingundoqo. Ngokwenene oku kunokungabi njalo ngokuxhomekeke kusapho umntu aphuma kulo. |
| **IMIGAQO 12-13 : ULAWULO (UMELO NGOKULINGANAYO NOTHATHO-NXAXHEBA)** | |
| ✓ Ngo-2015 abafazi kufanele babe kwizikhundla zengqesho ubuncinane ezisisiqingatha sazo zonke izikhundla zokwenza izigqibo kwiSADC kwicandelo labucala nakwicandelo likarhulumente (kubandakanywa epalamente, kurhulumente wengingqi nakwikhabhinethi).<br>✓ Amazwe angamalungu kufuneka aqinisekise ukuba abafazi bathathe inxaxheba ngokusebenzayo kwiinkqubo zovoto (*electoral processes)* nokwenza izigqibo ngokuphucula izakhono, ukubonelela ngenkxaso nokumiselwa kwanokomeleza kwezitrakhtsha zokuphucula ukubandakanyeka ngokwezesini. | ✓ Ngokumalunga nenani labafazi abamelwe kwizitrakhtsha zemibutho yopolitiko, ubunkokheli kwizitrakhtsha zopolitiko, kusongame amadoda kuzo.<br>✓ Ukuzibophelela kwe-ANC kumqathango ka-50/50 kubunkokheli obukhethiweyo kuboniswa kwinqanaba lephondo. Ngokumalunga nolingano ngokwezesini kumaphondo amahlanu angala, iMpuma Koloni, iFreyistatha, iLimpopo, uMntla Koloni neNtshona Koloni kwaye ngokwe-avareji yento yonke engu-48 %, i-ANC iphantse yasondela ekufikeleleni kwiithagethi zayo. Kubonakala ngathi i-ANC izibophelelele ngokwenene kwimigaqo yale Prothokholi.<br>✓ Kukho abaphathiswa abatsha abayi-14 kwabayi-34 abatyunjwe nguMongameli uJacob Zuma abangabafazi kwaye abanye babo bakumacandelo angengawo aqhelekileyo *(non -traditional areas)* afana neeNkonzo zoLuleko, iSebe lezoKhuselo (*Defence*), iSebe leMicimbi yezeKhaya, iSebe loBudlelwane naManye aMazwe noBambiswano *(International Relations and Co-operation*), ISebe lezeMigodi (Mining), ElaMashishini kaRhulumente (*Public Enterprises)*, ezeNzululwazi neThekhinoloji.<br>✓ Akukho zikowuta zisemthethweni *(legislated quotas)* ngokumalunga nokumelwa kwabemi nokulinganayo ngokwesini (*gender representation)*. Endaweni yoko ngenxa yokungabikho kwezi zinto; i-ANC njengombutho olawulayo izibophelele yona ngokwayo kwiikowuta zokuzithandela yaza ngenxa yoku yazimisela ukusebenzisa umqathango ka-50 % wezihlalo zayo kuwo onke amacandelo karhulumente. Eminye imibutho efana ne-DA, Inkatha Freedom Party neCope, azinazo iikowuta. |
| **UMGAQO 14: IMFUNDO NOQEQESHO** | |
| Ngo-2015:<br>✓ Kufuneka kubekho ufikelelo olulinganayo kwimfundo esemgangathweni noqeqesho kubafazi nakumadoda kwakunye nokugcinwa kwabo kuwo onke amanqanaba emfundo.<br>✓ Kufanele kubekho imigaqo-nkqubo neeprogram zezemfundo ezinolwazelelelo ngezesini nezijolise ekuqubisaneni neendlela ezithile zokucinga ezendeleyo nezinokuba yimposiso (*stereotypes*) nokuphelisa ubundlobongela obususela kwezesini kumaziko ezemfundo. | ✓ Ukunxanela imfundo esemgangathweni eMzantsi Afrika kuhlala kuyiprayorithi ephambili nomngeni eMzantsi Afrika ehamba kunye nokuzibophelela kwawo ukuphucula nokwenza ukuba kubekho ufikelelo nokugcinwa kwabo bonke abafundi. Imfundo yaseprayimari isisinyazelo kumantombazana nakumakhwenkwe.<br>✓ Ngokumalunga nofikelelo, ubhaliso nokugcinwa kweenkcukacha-manani kwezemfundo kwisikolo esiyiprayimari, esiyisekondari, isikolo esiphakamileyo neziko lemfundo ephezulu, ngo-2007, abafazi namadoda bebephantse bamelwa ngokulinganayo kwizikolo eziqhelekileyo (abafazi 49.9 % ne-50.1 % kumadoda). Ipesenteji eyeyona iphezulu yabafazi engu-53.0 yafunyanwa kwicandelo le-FET, (IBakala 10-12).<br>✓ Umngeni ophambili ziindlela ezithile zokucinga ezendeleyo nezinokuba yimposiso (*stereotypes*) malunga nezesini (*gender stereotyping)*, izibonelelo zemfundo ezincedisa ukufunda nokufundisa *(curricula marterials)*, nokuphuma kwamantombazana esikolweni engagqibanga ukufunda, uxhatshazo ngokwezesondo (*sexual violence)* nodlakatheliso (harassment). |
| **IMIGAQO 15-19: IZIBONELELO ZEMVELISO (*PRODUCTIVE RESOURCES) EZENGESHO NOKUXHOTYISWA NGOKWEZOQOQOSHO*** | |
| Ngo-2015, oorhulumente kufuneka<br>✓ Baqinisekise ukuba kukho uthatho-nxaxheba olulinganayo lwabafazi namadoda ekuqulunqweni komgaqo-nkqubo wezoqoqosho nokuphunyezwa kwawo.<br>✓ Mabenze ulwabiwo lwezibonelelo *(resoursces)* ngokususela kwibhajethi bethathela | ✓ Abafazi bamelwe ngokunganeno malunga nokuthathwa kwezigqibo zezoqoqoqsho kwicandelo likarhulumente njengoko ibilicandelo ebekusokolo kongame amadoda kulo.<br>✓ Emva konyulo luka-2009 urhulumente omtsha ubeke abafazi abangaphezulu njengaBaphathiswa abenza imisebenzi ephambili kwezoqoqosho, efana neSebe i*Ministry of Public Enterprises* nelitsha elongezelelweyo *leMinistry of Mining*. |

| UKULUNGISELELA OKUSEMQOKA | ININGIZIMU AFRIKA |
|---|---|
| ingqalelo ezesini ukujongana neemfuno zabafazi namadoda ngokulinganayo.<br>✓ Baqinisekise ufikelelo olulinganayo, izibonelelo namathuba amahle alinganayo kubafazi nakumadoda kwezorhwebo nokwezoshishino, iinkqubo zokuthengwa nokufunyanwa kweempahla neenkonzo zikarhulumente.<br>✓ Bajongisise yonke imigaqo-nkqubo nemithetho emisela ufikelelo, ulawulo nokufumana inzuzo kwizibonelelo zeemveliso zabafazi kubandakanywa umhlaba namanzi.<br>✓ Mabaqinisekise ukuba abafazi namadoda banofikelelo olulinganayo kwezengqesho ekufunyanwa kuzo imivuzo nemirholo kuwo onke amacandelo ezoqoqosho. | ✓ Kukho imigaqo-nkqubo emininzi efuna ukuqinisekisa uthatho-nxaxheba olubonakalayo ngabafazi kwiinkqubo zokuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo nokuphunyezwa kwale migaqo-nkqubo yezoqoqosho. UMzantsi Afrika umisele imigaqo-nkqubo eyandisa ufikelelo lwabafazi kwikhredithi (iimali ezibolekwayo) ukuqinisekisa ukuba abafazi baxhotyisiwe kwezoqoqosho.<br>✓ Ngokusetyenziswa kweSebe loPhuhliso loLuntu (*Dept of Social Development*), kukho iqela leeprojekthi kwilizwe ngokubanzi zokuququzelela ukuxhotyiswa kwezoqoqosho nophuhliso olugcinakalayo.<br>✓ Xa kuthelekiswa abafazi namadoda, ngokweenkcukacha-manani, abafazi basemagunyeni olawulo kwiinkonzo zorhwebo zoluntu nezentlalo nezamakhaya abucala (*private households)*. |
| **IMIGAQO 20-25: UBUNDLOBONGELA OBUSUSELA KWEZESINI** | |
| Ngo-2015 oorhulumente kufanele:-<br>✓ Baqinisekise ukuba iyapasiswa okanye iyaphunyezwa imithetho ethintela zonke iindidi zobundlobongela obususela kwezesini, nokuba abo bazenzayo izenzo zobundlobongela ezilolu hlobo, bavela kwiinkundla zomthetho ezifanelekileyo.<br>✓ Bathathe amanyathelo okugxeka begxiba izenzo zobundlobongela obususela kwezesini neenkqubo ezenza ukuba ezi zenzo zamkeleke okanye zibe negalelo kwingxaki yobundlobongela obususela kwezesini (GBV.)<br>✓ Baqinisekise ukuba imithetho engobundlobongela obususela kwezesini (GBV), ibonelela ngovavanyo olubanzi, unyango nonophelo lwabo bathe bangamaxhoba asindileyo nezenzo zolwaphulo-mthetho ezimalunga nezesondo *(sexual offences)*.<br>✓ Babe neenkqubo ezisebenzayo zokubuyiselwa kwemeko esiqhelweni ngokwasentlalweni nangokwasengqondweni kwabo benze izenzo zobundlobongela obususela kwezesini (GBV.)<br>✓ Bawise imithetho yokuthintela ukuxhilwa kwabantu baye kusetyenziswa kwamanye amazwe ngokuxhatshazwa *(human trafficking*) nokubonelela ngenkxaso epheleleyo kwabo bangamaxhoba asindileyo.<br>✓ Babe nemithetho esebenzayo, imigaqo-nkqubo neeprogram zokuphelisa ukuhlukunyezwa ngokwesondo *(sexual harrassment)*.<br>✓ Babe neenkonzo zenkxaso ezisebenzayo ezaneleyo, ezibandakanya ingcaciso, uqeqesho nemfundo malunga nokwazelelelwa kwemeko yezesini kubo bonke ababoneleli-nkonzo.<br>✓ Banciphise kangangesiqingatha amanqanaba anjengangoku obundlobongela obususela kwezesini (GBV). | ✓ UMthetho woBundlobongela eMakhaya *(Domestic Violence Act)* ngumthetho ojongene nobundlobongela basemakhaya kwaye ubonelela abafazi ngenkqubo elula nefikelelekayo yokufumana umthetho osisithintelo *(interdict)* othintela amaqabane ahlukumezayo. Lo Mthetho ubanzi kwaye ubandakanya ubundlobongela ngokwasemzimbeni *(physical)*, ngokwasengqondweni *(psychological)* nangokwezoqoqosho, kwakunye nabantu abahlala kubudlelwane besini esifanayo neentsapho ezizalanayo (*extended families.)*<br>✓ Inani lamatyala achazwe ngo-2007 lalingu- 36,190. Kungokunje ilizwe alinawo umthetho wokuxhilwa kwabantu baye kusetyenziswa kwamanye amazwe ngokuxhatshazwa (*trafficking law*). UMthetho i*Prevention of Combating of Trafficking in Persons Bill*, isengoYilwayo<br>✓ UMzantsi Afrika unesiCwangciso soKusebenza sikaZwelonke (*National Action plan)* ukuphelisa uBundlobongela kwezeSini (*Gender Violence*), kwanokuphelisa zonke iindidi zoBundlobongela obususela kwezesini *(Gender Based Violence)* nezicwangciso zobuchule.<br>✓ Kukho ubambiswano olumandla phakathi kwemibutho yabahlali norhulumente malunga nePhulo leeNtsuku eziyi-16 lokuChasa uBundlobongela ngakuBafazi nakuBantwana (16 *Days of Activism on Violence)*. |
| **UMGAQO 26: EZEMPILO** | |
| ✓ Mawanciphise iqondo lokusweleka koomama abakhulelweyo okanye ababelekayo nge-75%. | ✓ Impilo yoomama, eyabantwana nesondlo zihlala ziziprayorithi zononophelo zesebe lezempilo kwithuba lango-2007-2009.<br>✓ Iqondo lokusweleka koomama abakhulelweyo okanye ababelekayo njengangoku, bayi-400 abaswelekayo kwabayi-100 000, kwaye lande ukusuka ku-230 kwabayi-100 000 ngo-1990. |

Composite